ISalathiso: 20170303-8841
12/2/8/13/2
Imibuzo: J L van Deventer

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam *yeFET: DCF* 0011/2017

Iya: KumaSekela-Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo be-*Economics, Accounting, Mathematics* ne-*Life Orientation* nakwiiNqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 10 -12

Isihloko: Ukhuphiswano i-*Western Cape Bursary Competition* olwenzelwa abafundi beBakala 11 abenza i-*Economics,* i-*Accounting* ne*Mathematics* (2017-2018)

1. I-Ofisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni *(Western Cape Provincial Treasury*), isebenzisana no-*Nedbank* kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), icela izikolo ukuba zingenele ukhuphiswano lokubhala isincoko, i-*2017 Western Cape Bursary Competition*.

2. Olu Khuphiswano lweeBhasari lunika abafundi beBakala 11 kwiphondo, abenza izifundo ezidibanisa i-*Economics*, i-*Mathematics* ne-*Accounting*, ithuba lokufumana iibhasari nezinye izipho eziyinkuthazo (*incentives*) zokuba baqhubele phambili ngezifundo zabo kula macandelo ezifundo eyunivesithi.

3. Iya kuba ziibhasari ezilishumi elinambini (12) ezona zininzi, kwakunye nebhaso lemali enjengoncedo lwezemali ngethuba lonyaka weBakala 12, eziya kunikwa abafundi abanenjongo yokufumana isidanga kwi-*Economics* (umz. *B.Com (Economics)*), kwi-*Accounting* (umz. *B.Acc., B.Compt.*), kwi-*Commerce* (umz. *B. Bus.Sc*) okanye kwi-*Mathematics* kwiyunivesithi elapha eNtshona Koloni.

4. Iibhasari zezabafundi beBakala 11 abakufaneleyo ukungena eyunivesithi ngo-2019 nabaye bagqwese (elona nqanaba lokupasa lisezantsi ngu-60%) ubuncinane kwizifundo ezibini kwezi, i-*Economics, i-Mathematics ne-Accounting*. Abakufaneleyo ukungenela ukhuphiswano mababe ngabemi baseMzantsi Afrika, abahlala eNtshona Koloni, abanobuchule bokuthetha nokubhala isiNgesi.

5. Amabhaso <u>ootitshala</u> babafundi abaphumeleleyo:
   - I-*laptop*/ibhaso lemali elinikwa utitshala ngamnye wabafundi abangenele ukhuphiswano baza baphumelela kwindawo yoku-1, eyesi-2, neyesi-3.
   - Ibhaso eliyimali eyi-R5 000 elinikwa utitshala womfundi ngamnye wabanye abafundi abafumana iibhasari.

6. Kuza kucelwa iinqununu zezikolo zinike amagama ootitshala abachaphazelekayo.

7. Injongo yolu khuphiswano lwebhasari :
   - kukukhuthaza umdla kwi-*Economics, Mathematics* nakwi-*Accounting* namathuba amakhondo emisebenzi anokuthi abekho;
   - kukuphuhlisa ulwazi nezakhono kwi-*Economics, Mathematics* nakwi-*Accounting;*
   - kukuphuhlisa izakhono zokukwazi ukusombulula iingxaki nokukwazi ukucazulula idatha;
   - kukunika abafundi amathuba okufumana ulwazi ngeendlela zokwenza uphando (*research methodology*) nezakhono zokubhala izincoko;
   - kukunika abafundi amathuba okukwazi ukufikelela kwilizwe lempangelo nokukwazi ukuqhagamshelana nalo;
   - kukwenza abantu babe nolwazi ngemiba yezentlalo noqoqosho eMzantsi Afrika.
   - kukukhuthaza nokuwonga umsebenzi ogqwesileyo; kunye
   - nokuphuhlisa iinkokeli zangomso kumacandelo ezifundo ze-*Economics, Mathematics* ne-*Accounting.*

8. Ixesha elisikelwe olu khuphiswano ngeebhasari liqala ngoMatshi 2017 ukuya kutsho ngoMatshi 2018.

9. Kucelwa ufunde isiHlomelo B esiqhotyoshelweyo ngokumalunga nesihloko sesincoko (esinikwe kuphela ngesiNgesi).

10. Kucelwa ukuba ufunde ezi zihlomelo ziqhotyoshelweyo ngokumalunga nokulandelayo:
    - Ifom yokungenela.
    - Irubrikhi yovavanyo emayisetyenziswe ize izaliswe ngootitshala ukuvavanya izincoko.
    - Isikhokelo sokubhalwa kwesincoko esisemgangathweni.

11. Kufuneka izikolo zikhethe abafundi abaqhuba kakuhle kwizifundo zabo ukuba bathathe inxaxheba kolu khuphiswano. Baya kucelwa ukuba babhale isincoko esinamagama ayi-2 200, alelona nani lisezantsi. Abanye abafundi beBakala 11 beklasi ye-*Economics* banokubhala isincoko kwangesi sihloko sinye esinamagama ayi-600 awona maninzi.

12. Ikomiti yootitshala esikolweni iya kusebenzisa irubrikhi yovavanyo enikiweyo ukukhetha abafundi abathathu abagqwesileyo abayizalisekisayo eyona mfuno isezantsi imiselweyo engu-70% (isincoko neenkcazo-ntetho zomlomo) (*oral presentations*)

zidibene)) ukuze bakwazi ukudlulela kumjikelo olandelayo wolu khuphiswano. Izincoko neemakhishithi zabo bafundi bagqwesileyo bathathu kunye nabo bonke abanye abafundi abaphumelele ngaphezu ko-70% mazingeniswe kwi-ofisi yesithili ukwenzela uvavanyo lwesigaba 2 (kwinqanaba lesithili) ungadlulanga owe-06 Septemba 2017.

13. Iphaneli yovavanyo kwisithili ngasinye iya kuvavanya izincoko ezifanelekileyo ezivela kwizikolo ize ikhethe abagqwesileyo bokugqibela. Izincoko eziyi-10 ezigqwesileyo kwisithili ngasinye ziya kukhethwa yile phaneli zize zithunyelwe kwinqanaba lokugqibela (inqanaba lephondo) ungadlulanga owe-20 Septemba 2017.

14. Ezona zincoko zigqwesileyo ezingamashumi amabini (20), ziya kukhethwa yiphaneli ekhetha abokugqibela abagqwesileyo neya kwenziwa ngabameli bakwa*Nedbank*, abe-Ofisi kaNondyebo wePhondo nabeSebe i*WCED*.

15. Abalishumi elinesihlanu, abona baninzi, abangene kumjikelo wokugqibela baya kucelwa ukuba beze kukhetho lokugqibela eKapa ngoMatshi/Apreli 2018 - ngoLwesihlanu emva kwemini nangoMgqibelo oya kulandela iNtetho yeBhajethi yePhondo. Baya kucelwa ukuba benze inkcazo-ntetho yomlomo *(oral presentation*) ngeziphumo zophando lwabo nokuba baphendule imibuzo eya kubuzwa yiphaneli yokhetho. Ootitshala be-*Economics* babo bagqwesileyo bokugqibela baya kucelwa ukuba bahambe kunye nabo. Amalungu ephaneli yesithili semfundo aya kucelwa ukuba aye kwitheko lamabhaso ngokuhlwa kwangoMgqibelo.

16. Kucelwa ufunde isiHlomelo A esikunika iinkcukacha ezipheleleyo ngeemfuno ezimiselweyo zamangenelo (*entry requirements*), amaxwebhu okungenela (*entry documents*), amaxesha abekiweyo neekhrayitheriya zokugweba (*adjudication criteria)*.

17. Imibuzo malunga nokubhalwa nokumakishwa kwesincoko, mayibhekiswe ngqo kubacebisi bezifundo be-*Economics* kwizithili zemfundo.

18. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 11 be-*Economics, Mathematics, Accounting* nabe-*Life Orientation* ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI -JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-03-16